



It starts with a story...

## Story power at your library

Are you a librarian who wants to share the power of stories and reading with children? Are you looking for ways to get children to visit the library regularly? Here are some ideas that librarians shared with us that will help you do this.

- **LIBRARY WEEK** Use South African Library Week (14 to 21 March 2015) to encourage children and reading clubs to sign-up as members of the library. Run special events at your library that will attract new members and show everyone what libraries have to offer.
- **TREASURE HUNT** Help children become familiar with your library by inviting them to join in a "treasure hunt". Hide small items in different parts of the library, then write clues that will help the children find the items. For example: "You will find this treasure on the shelf where the books about wild animals are." Let the children work in pairs to find the items.
- **TIME FOR TOTS** Set aside a special library time each week for 0 to 2 year olds and their caregivers. Spend time sharing children's songs and rhymes together. Then provide board books and other books for babies for them to read together.
- **STORY TIME** Offer a story half-hour for young children once or twice a week where you read aloud from different picture books in the library. Remember to display these afterwards so that children can look at them on their own. Have paper and crayons available so they can draw pictures inspired by the stories after you have read them.
- **SPEED DATING** Introduce older children to novels and information books in the library by inviting them to a "speed dating with books" session once a month. Let the children spend 15 minutes choosing any three books that interest them that they have not read before. Then call them together and allow about two minutes for them to decide which of their three books they will present to the group. Now let each child introduce a book and explain why they think everyone will enjoy it. After they have all introduced their books, ask everyone to vote for the books they would most like to read. Display a list of these books in the library.
- **HOLIDAY ACTIVITIES** Offer a school holiday programme at your library where children are able to listen to stories, act them out, write their own stories and do fun craft activities like card- and puppet-making.

## Amandla ebali kwithala leencwadi lakho

Ingaba ungusothala ofuna ukwabelana nabantwana ngamandla ebali nokufunda? Ingaba ukhangela iindlela zokwenza abantwana bandwendwele ithala leencwadi rhoqo? Nazi ezinye iingcebiso abathe oosothala babelana nathi ngazo nezinokukunceda ukwazi ukwenza oku.

- **UKUZINGELA UBUTYEBI** Nceda abantwana baqhelane nethala leencwadi lakho ngokubamema ukuba bazibandakanye "ekuzingeleni ubutyebi". Fihla izinto ezincinane kwiindawo ezohlukileyo zethala leencwadi, uze ubhale iimpawu zemikhondo eziza kubanceda bafumane ezo zinto. Umzekelo, ungathi: "Obu butyebi uza kubufumana kwishelufa eneencwadi ezingezilwanyana zasendle." Bavumele abantwana basebenze ngababini ukukhangela izinto ezo zifihlakeleyo.
- **IXESHA LEENTSANA NABANTWANA ABASABHADAZAYO** Bekela bucala ixesha lethala leencwadi veki nganye kwababudala busukela kwiminyaka ephakathi kwe-0 ukuya kwi-2 neempelesi zabo. Sebenzisani eli xesha nisabelana ngeengoma kunye nezicengelezo zabantwana. Emva koko ke banike iincwadi ezenziwe ngekhadibhodi kunye nezinye iincwadi zeentsana ukuze bazifunde kunye.
- **IXESHA LEBALI** Yiba nesiqingatha seyure sofundo lwebali apho ufundela ngokuvakalayo abantwana abancinane kanye okanye kabini ngeveki iincwadi zemifanekiso ezohlukileyo kwithala leencwadi. Khumbula ukubonisa ngezi ncwadi emva kokuzifunda ukuze abantwana bakwazi ukuzibuka xa bebodwa. Makubekho amaphepha neekhrayoni ukuze bakwazi ukuzoba imifanekiso evuselelwe ngaloo mabali uthe wabafundela wona.
- **IDINGA LOKUKHETHA IINCWADI NGOKUKHAWULEZA** Yazisa abantwana abadala iinoveli kunye neencwadi ezinika ulwazi kwithala leencwadi ngokubamemela kwindibano "yedinga lokukhetha iincwadi ngokukhawuleza" kanye ngenyanga. Bavumele abantwana bachithe imizuzu eli-15 bekhetha naziphi na iincwadi ezintathu abanomdla kuzo nabangazange bazifunde. Emva koko, babize bonke uze ubanike malunga nemizuzu emibini ukuba bathathe isigqibo sokuba kwesi sithathu yeyiphi na incwadi abaza kubalisa ngayo eqeleni. Ngoku ke, vumela umntwana ngamnye ukuba azise incwadi aze acacise ukuba kutheni ecinga ukuba wonke umntu unokuyonwabela. Emva kokuba wonke ubani eyazisile incwadi yakhe, cela wonke umntu ukuba avotele ezona ncwadi angathanda ukuzifunda. Xhoma uluhlu lwezi ncwadi kwithala leencwadi.
- **IMISETYENZANA NEMIDLALWANA YEXESHA LEEHOLIDE** Nikezela ngenkqubo yeeholide zesikolo kwithala leencwadi lakho apho abantwana bakwaziyo ukuphulaphula amabali, bawenze imidlalo yeqonga, babhale nawabo amabali ze benze nemisetyenzana yezandla yokuzonwabisa efana nokwenza amakhadi kunye neepapethi.

- **IVEKI YAMATHALA EENCWADI** Sebenzisa iVeki yamaThala eeNcwadi aseMzantsi Afrika (ukusuka kowe-14 ukuya kowama-21 kweyoKwindla wama-2015) ukukhuthaza abantwana kunye neeklabhu zokufunda ukuba zibhalisele ubulungu kumathala eencwadi. Yenza imisitho enomdla kwithala leencwadi lakho neyakuthi itsale amalungu amatsha kwaye ibonise wonke ubani ukuba amathala eencwadi anikezela ngantoni na.



INSIDE: Enjoy two special library stories!

NGAPHAKATHI: Yonwabela amabali amabini akhethekileyo ethala leencwadi!

We will be taking a break until the week of **12 April 2015**. Join us then when we launch the new-look 16-page Nal'ibali reading-for-enjoyment supplement which will appear fortnightly!

Siza kuthatha ikhefu kude kube yiveki **yowe-12 kuTshazimpunzi wama-2015**. Sijoyine ngoko xa sisungula uhlelo olutsha tsha lokufundela ukuzonwabisa lweNal'ibali olunamaphepha ali-16 oluza kupapashwa rhoqo emva kweeveki ezimbini!



Drive your imagination

Story Power. Bring it home. Wazise ekhaya amandla ebali.





Drive your imagination

## Story stars

### Librarian of the year

In September last year, Cape Town Library Manager, Flippie van der Walt was named Librarian of the Year by the Library and Information Association of South Africa (LIASA). Flippie received this award because he is seen as a role model for the Library and Information Services community. We spent some time with him to find out about his vision for libraries and his thoughts on reading.

#### How did libraries help nurture your love of reading?

Our local library was part of my childhood from an early age. I went each week to discover more stories.

#### Were your parents readers?

My mother read a lot. She taught me about the importance of reading.

#### How can libraries help children learn to enjoy reading?

A long time ago I spent time working in the children's section of the library. I found that the children want to experience reading in a fun way. Many libraries have reading challenges, story hours, and games and prizes to create that fun element.

#### What's your vision for libraries in South Africa?

The public library is at the core of social development. I want all people to experience empowerment through using free resources and services at their libraries.

#### Tell us about your own reading. Do you prefer fiction or non-fiction?

Fiction

#### Your favourite place to read is ...

... in bed.

#### In which languages do you read?

English and Afrikaans

#### Do you ever re-read books?


No, I only read them once. There are so many books to read that I don't have time to read a book again!

#### What is the greatest lesson you learnt from a book or story?

I have always found lessons in the Dr Seuss books. My favourite one is, "The more you read, the more things you know, the more you learn, the more places you'll go". My favourite children's book is *Strega Nona* by Tomie dePaola which is about Strega Nona ("Grandma Witch"), her potions and spells, and her magical pasta pot that is always full!

#### Every child should read ...

... Roald Dahl stories, books by Dr Seuss and *The Dragon Keeper* series by J Wilkins.



## Iimbalasane zamabali

### Usothala wonyaka

KweyoMsintsi kunyaka ophelileyo, uMlawuli weThala leeNcwadi laseKapa, uFlippie van der Walt wakhethwa njengoSothala woNyaka liQumrhu lamaThala eeNcwadi noLwazi laseMzantsi Afrika (LIASA). UFlippie wafumana le mbasa kuba ubonwe njengomzekelo omhle kuluntu olukumaThala eeNcwadi neeNkonzo zoLwazi. Sikhe sazinika ixeshana kunye naye ukuze sifumanise iibono zakhe ngokunxulumene namathala eencwadi kwakunye neengcinga zakhe ngokufunda.

#### Ingaba amathala eencwadi alukhulisa njani uthando lwakho lokufunda?

Ithala leencwadi lasekuhlaleni laba yinxalenye yobuntwana bam kwasebuncinaneni bam. Ndadilindwendwela vekhi neveki ukuya kukhangela amanye amabali.

#### Ingaba abazali bakho babezifunda iincwadi?

Umama wam wayefunda kakhulu. Nguye owandifundisa ukubaluleka kokufunda.

#### Ingaba amathala eencwadi angabanceda njani abantwana ukuze bafunde ukonwabela ukufunda?

Kudaladala ndandikhe ndasebenza kwicandelo labantwana lethala leencwadi. Ndafumanisa ukuba abantwana bafuna ukufunda ukuba makubonwabise. Amathala eencwadi amaninzi enza izinto ezifana nokhuphiswano lokufunda, aneeyure zamabali, kwaye abamba imidlalo ze anikezele nangamabhaso ukuwenza onwabise.

#### Unambono mni ngamathala eencwadi eMzantsi Afrika?

Ithala leencwadi loluntu lelona linenxaxheba enkulu kuphuhliso loluntu. Ndingwenela ukuba bonke abantu bangaxhotyiswa ngokusebenzisa imithombo yasimahla kwakunye neenkonzo ezifumaneka kumathala eencwadi abo.

#### Sixelele malunga nokwakho ukufunda. Ingaba ukhetha iincwadi zamabali neentsomi okanye ezinika ulwazi oluyinyaniso?

Ezamabali neentsomi.

#### Eyona ndawo uthanda ukufundela kuyo ...

... kusebhedini.

#### Ufunda ngezphi iilwimi?

NgesiNgesi ne-Afrikaans



Flippie van der Walt

#### Ingaba ukhe uyiphindaphinde incwadi xa uyifundile?

Hayi, ndiyifunda nje kube kanye kuphela. Zininzi kakhulu iincwadi emandizifunde, ke andinalo ixesha lokufunda incwadi enye kwakhona!

#### Sithini esona sifundo sinamandla owakhe wasifunda encwadini okanye ebalini?

Ndisoloko ndifumana iimfundiso ezininzi kwiincwadi zikaDr Seuss. Eyona mfundiso ndiyithandayo ithi, "Xa ufunda kakhulu, kuya kuba kuninzi okwaziyo, xa ufunda okuninzi, zininzi neendawo oya kuzo". Eyona ncwadi yabantwana ndiyithandayo ithi *Strega Nona*, ibhalwe nguTomie dePaola kwaye imalunga noStrega Nona ("UMakhulu UGqwirhakazi"), amayeza akhe nemilingo yakhe, kunye nembiza yakhe yomlingo esoloko izele ipasta!

#### Wonke umntwana kufanele afunde ...

... amabali abhalwe nguRoald Dahl, iincwadi ezibhalwe nguDr Seuss kwakunye nothotho lweencwadi lwe-*The Dragon Keeper* olubhalwe nguJ Wilkins.

## Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



## UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.


SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

### Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha le-3 ukuya kwele-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



“Get that juggling cat,” shouted the one Brother Sly pointing at Theo. “And that pig.”

“The pig – what for?” shouted the other brother.

“Breakfast, of course.”

“Bamba laa kati ijula-iganga izinto,” wakhwaza omnye weBrothers Sly esolatha kuTheo.

“Kwakunye nalaa hagu.”

“Nehagu – siza kuyenza ntoni ihagu?” wakhwaza omnye umtakwabo.

“Yevesidlo sakusasa, tyhini!”



Kanye ngeIo xesha, uTheo watyibilika. Umkhenkce waqalisa ukunyibilika etrolini, waza wawela phantsi kwalandela iintlanzi. UTheo wathi ngaku intlanzi yanqe, kodwa ezinye zatyibilika esiphelweni setroli zaqengqeleka. Wathi ngaku enye intlanzi kunye nenye, wazijula eziganqa emoyeni.

Then, Theo slipped. The ice started to slide off the trolley and so did the fish. Theo grabbed one fish, but the rest began to flop over the edge. He grabbed another fish and another, flipping them up into the air.



Fold



lapa PUBLISHERS

www.lapa.co.za

012 401 0700

f t

Hop on board for a reading adventure ...




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Fold



Wendy Hartmann

Joan Rankin


“OWU YINTONI NA LEI Ndiza kuthini ke ngoku?” watsho uTheo. “Kufuneka ndilumkise wonke ubani.” Wazama ukutyhudisa kuloo nginginya, kodwa kwakungekho bani ushukumayo kuba imiboniso yayisele iqalile. Waphela esiya kuhlala ngasesitendini sentlanzi sikaPapa Prawn. Itroli yentlanzi yayingaphandle ngoko ke uTheo wakhwela kuyo ukuze abone kakuhle. Wayebona intloko kaSheila kuphela njengoko wayeqalisa ukutsiba-tsiba njengethambiso yomboniso wakhe wemithambo.



“OH NO! What am I going to do?” said Theo. “I have to warm everyone.” He tried to squeeze through the crowd, but nobody moved because the acts had started. He ended up next to Papa Prawn’s fish shop. The fish trolley was outside so Theo climbed onto it to get a better view. He could just see Sheila’s head as she started to bounce as part of her act.

Fold

UTheo wadayiva, ezimele. USheila warhona waza wenza uphelekequ omangalisayo. Wazibhija-bhija egquququka waza wajolisa ngononophelo. Waza kuwa gxixidi ngesithonga esikhulu phezu kweeBrothers Sly.



Theo dived for cover. Sheila snorted and did a magnificent somersault. She twisted and turned and aimed carefully. She landed with a heavy thump, right on top of the Brothers Sly.

Theo lived right next to the library. The other cats in town lived together at Cat Cottage, but not Theo. He lived with his mother and his brother and sister. Theo loved living there. He loved reading and he loved asking questions.

One day Theo asked his mother where the stars went in the day, why the sea looked blue and if sharks slept at night. His mother sighed and pointed. “There’s the library. Off you go and look in a book.”

Theo wayehlala kanye ecaleni kwethala leencwadi. Ezinye iikati kuloo dolophu zazihlala kunye eKhothejini yeeKati, ngaphandle kukaTheo. Wayehlala nomama wakhe nobhuti wakhe kwakunye nosisi wakhe. UTheo wayeyithanda kakhulu indawo ahlala kuyo. Wayekuthanda ukufunda kwakunye nokubuza imibuzo.

Ngenye imini uTheo wabuza umama wakhe ukuba ziya phi na iinkwenkwezi emini, kutheni ulwandle luzuba nje ngokombala kwaye ingaba ookrebe bayalala ebusuku kusini na. Umama wakhe wayesuka atsho isingqala, olathe. “Naliya ithala leencwadi. Hamba uye kukhangela iimpindulo encwadini.”



Fold



“Back to the library,” Theo said. “I have something very important to do.”

And Theo went back to the library to search the shelves. He wanted to find out everything there was to know about ... *WHO KNOWS WHERE.*

“Ndibuyela kwithala leencwadi,” watsho uTheo. “Kukho into ebaluleke kakhulu ekufuneka ndiyenzile.”

Ngokwenene uTheo wabuyela kwithala leencwadi waza wakhangelela kwiishelufa. Wayefuna ukufumana konke anakho ukukufumana malunga no- ... *NGUBANI OWAZIYO UKUBA PHI?*




IIBROTHERS SLY  
 EZILWANYANA ZASESEKHASINI  
 Ziyafikeleleka! Sisisuloi!

“Yimigulukudu yootsotsi le,” kwakhwaza uTheo. “Jongani laa powusta.” Iintloko zajika zonke. Kwathi cwaka. Wonke ubani wayifunda ngokuvakalayo ipowusta.

THE BROTHERS SLY  
 PERFORMING PETS  
 EXPORTED EVERYWHERE  
 Cheap! Sale!

“They’re crooks,” shouted Theo. “Look at the poster!” Heads turned. There was hush. Everyone read the poster out loud:

“Then that means we’re all safe,” said someone else.  
 “I’m going home,” said Sheila, “to practice my bouncing.”  
 “And we are going home to celebrate,” said the cats. So each and every cat turned to go back to Cat Cottage. Each and every cat that is, except Theo.  
 “Where are *you* going?” they asked him.  
 “Loo nto ke ithetha ukuba sikhuselekile,” kutsho omnye.  
 “Ndiyagoduka,” watsho uSheila, “ndiya kuziqhelisa ukwenza imithambo yam yokutsiba-tsiba.”  
 “Nathi siyagoduka, siza kubhiyoza,” zitshilo iikati. Ngoko ke ikati nganye yajika amabombo yagoduka yaya eKhothejini yeeKati. Nditsho zonke nje iikati, ngaphandle kukaTheo.  
 “Uyaphi ke wena?” zimbuze njalo.



Edolophini, iStalato iMain Street sasinyakazela. Kwakufike iintlobo ngeentlobo zezilwanyana zize kwenza imiboniso yazo emangalisayo: kwakukho izilwanyana ezikhulu, ezincinane, ezifutshane nezide, ezineentsiba nezindobya. UTheo wayengasemva engakwazi nokubona ukuba kwenzeka ntoni na eqongeni. Wajikeleza iveni yesekhasi. Njengokuba wayesenza oko nje, waphela ukuba ipowusta iyaxobuka kwellinye icala.  
 Ngaphantsi kwayo kwakukho enye ipowusta. Le ipowusta yayibhalwe into eyohlukile mpele ngeeBrothers Sly. Yayisithi baza kuthengisa izilwanyana.

In town, Main Street was crowded. All kinds of animals had arrived to perform tricks: big animals, small ones, short and tall, those with feathers and those with fur. Theo was stuck at the back and could not see what was going on. He moved around the circus van. As he did, he noticed the poster peeling off the side.  
 Underneath there was another poster. This one said something quite different about the Brothers Sly. It said that they were going to sell the animals.

Theo did not mind. He wandered through the library searching the shelves. On the wall, he saw a poster. Never had he seen anything like it before. There were pictures of animals doing all kinds of things. It said: “Circus acts needed! Speak to the Brothers Sly.”  
 “WOW!” he said. “I have to let the other cats know.”  
 He rushed out of the library and saw a van driving down the street. It had the same poster on the side. “That must be the circus van!” he thought.

Kwakungamhluphi uTheo oko. Wazula kwithala leencwadi ekhangela ezishelufini. Wabona ipowusta eludongeni. Wayengazange wayibona into efana nayo ngaphambili. Kwakukho imifanekiso yezilwanyana zisenza izinto ngezinto. Kwakubhaliwe kwathiwa: Kufunwa abadlali basesekhasini! Umntu makathethe neeBrothers Sly.”

“WAWU!” watsho uTheo. “Kufuneka ndazise ezinye iikati.”

Waphuma ngokukhawuleza kwithala leencwadi waza wabona iveni isihla ngesitalato. Yayinale powusta asandul’ ukuyibona emacaleni. “Inokuba le yiveni yasesekhasini!” ucinge njalo.






“Theoi!” she shouted. “I’m going to be an acrobat, but I need a costume! An acrobat cannot perform without a costume.” Sheila landed heavily on the ground and headed for town. Everyone followed.

“Theoi!” wakhwaza uSheila. “Ndiza kuba yincutsho yemithambo yomzimba emoyeni, kodwa ndifuna ikhostyuni yokwenza oko. Incutsho yemithambo yomzimba ayikwazi kwenza imithambo yomzimba emoyeni ngaphandle kwekhostyuni efanelekileyo.”

USheila wathi gxididi ngamandla emhlabeni waza wenjenjeya ukuya edolophini. Wonke umntu wamlandela.



“You mean they wanted to trap us and sell us?” asked someone.

“Yes,” said Theo. “That’s what the poster says.”

The crowd stared at the Brothers Sly and started to move towards them. The Brothers scrambled to their feet.

“Uthetha ukuba bebefuna ukusifaka emgibeni basibambe baze basithengise?” kwabuza omnye.

“Ewe,” watsho uTheo. “Itsho le powusta.”

Loo nginginya yajamela iiBrothers Sly yaze yaqalisa ukusondela ngakubo. Aba bafu baphakama bema ngeenyawo ngokungxama.

Fold

When Theo arrived at Cat Cottage, he knocked on the door and banged on the windows, but there was not a cat to be seen. Then, he heard a strange sound. It was coming from Mr Khumalo’s farm. He rushed over and there was Sheila, Mr Khumalo’s pig, bouncing on a tractor tube. All the cats were watching her, their heads bobbing up and down as she went higher and higher.

Akufika uTheo eKhothejini yeeKati, wankqonkqoza emnyango waza wabetha neezifistile, kodwa kwakungekho nenye ikati ebonakalayo. Kanye ngelo xesha, weva ingxolo engaqhelekanga. Yayivela kwifama kaMnumzana uKhumalo. Wakhawuleza waya khona, waza wabona uSheila, ihagu kaMnumzana uKhumalo, etsiba-tsiba kwityhubhu yetelelele. Zonke iikati zazibukele yena, iintloko zazo zinyuka zisihla njengokuba wayetsiba-tsiba nje esenyuka ngokonyuka.

“Run!” they screamed at each other. And run they did. They left the van behind and ran as fast as they could, all the way to ... *WHO KNOWS WHERE.*

“Baleka!” bakhwazana. Babaleka ke nyhani. Bayishiya ngasemva loo veni baza babaleka kangangoko banakho, yonke loo ndlela iya ... *NGUBANI OWAZIYO UKUBA PHI.*



“Are they gone? Will they come back?” asked a terrified tortoise.

“Nothing comes back from there,” someone said. “When I lose something, it’s gone. It’s gone to *WHO KNOWS WHERE* and I never find it again.”

“Ingaba bemkile? Baza kubuya?” lwabuza ufudo oloyikayo.

“Akuyi lubuyayo apho,” kwatsho omnye. “Xa ndilahlekelwe yinto, ilahleka umphelo. Iya apho ... *NGUBANI OWAZIYO UKUBA PHI* kwaye andiphindi ndiyifumane kwakhona.”



## Story corner

Here is a story that was inspired by Luis Soriano Bohorquez, a librarian from Colombia in South America. Luis delivers books to children who live in rural villages with the help of his two donkeys. We hope that it inspires you to share stories with each other!

**The donkey library**  
By Monica Brown  
Illustrations by Alzette Prins

On a hill behind a tree, there is a house. In the house, there is a bed and on the bed there is a little girl named Ana, fast asleep, dreaming about the world outside and beyond the hill. When Ana wakes up, her papa is already at work on the farm and her mama is busy in the garden. Ana bathes her little brother and feeds the goats and collects the eggs to sell at the market.

After breakfast, Ana and her mama walk down the hill. Ana closes her eyes against the sun and wishes she was back in the cool of the house with her book. She has read her book, her only book, so many times that she knows it by heart. The book was a gift from her teacher for working so hard on her reading and writing.

But, her teacher moved far away, and now there is no one to teach Ana and the other children in her village. So, at night, Ana makes up her own stories and tells them to her little brother to help him fall asleep. She tells him stories about make-believe creatures that live in the forest and the mountains and the sea. She wishes for new stories to read, but her teacher with the books has gone.

One morning, when Ana looks down the hill below her house she sees a man with a sign that says "Donkey library". With the man, there are two donkeys. And what are they carrying? Books!

Ana runs down the hill to the man. Other children run to him too, skipping down hills and stomping through the fields.

The man says, "I am a librarian, and these are my donkeys, Alfa and Beto. Welcome to the donkey library, my library."

"But," Ana says, "I thought libraries were only in big cities and buildings."

"Not this one," says the librarian. "This is a moving library."

Then he spreads out his books and invites the children to join him under a tree.

"Once upon a time..." begins the librarian as he reads the story of an elephant who swings from a spider's web. He reads from books with beautiful pictures.

Finally, he says, "Now it's your turn. Pick out books and in a few weeks' time I will be back to collect them and bring you new ones."

"Me too?" asks Ana.

"Especially you," says the librarian with a smile.



## Indawo yamabali

Nali ibali elavuselelwa nguLuis Soriano Bohorquez, usothala waseColombia eMzantsi Merika. ULuis uhambisa iincwadi kubantwana abahlala kwiilali ezikude ngoncedo lweembongolo zakhe ezimbini. Sithemba ukuba eli bali liza kukuvuselela nawe ukuze wabelane ngamabali nabanye!

**Imbongolo elithala leencwadi**  
Libhalwe nguMonica Brown  
Imifanekiso yenziwe ngu-Alzette Prins

Endulini eyayisemva komthi, kwakukho indlu. Kule ndlu kwakukho ibhedi kwaye ebhedini kwakulele intombazana encinane egama lingu-Ana, ilele yoyi, iphupha ngelizwe elingaphandle nangaphaya kwaloo nduli. Ukuvuka kwakhe u-Ana, utata wakhe wayesele esebenza kakade apho efama kwaye nomama wakhe wayexakekile esityeni. U-Ana wahlamba umntakwabo omncinane waza wapha neebhokhwe ukutya ze waqokelela namaqanda ukuze awathengise emarikeneni.

Emva kwesidlo sakusasa, u-Ana kunye nomama wakhe babehamba bahlise loo nduli. U-Ana wayecima-cimela ephandle lilanga kwaye wayenqwenela ukuba akwaba ebesendlwini epholileyo kunye nencwadi yakhe. Wayesele eyifunde amaxesha amaninzi incwadi yakhe ekuphela kwayo, kangangokuba wayesele eyazi ngentloko ngoku xa iyonke. Le ncwadi yayisisipho esasivela kutitshala wakhe sokusebenza nzima ukuziqhelisa ukufunda kunye nokubhala.

Kodwa ngoku utitshala wakhe wafuduka, waya kude, kwaye ngoku kwakungekho mntu owayeza kufundisa u-Ana kunye nabanye abantwana belali yakhe. Ngoko ke, ebusuku, u-Ana wayeziqambela awakhe amabali aze awabalisele umntakwabo omncinane ukumnceda ukuba alale. Wayembalisela amabali amalunga

nezidalwa ezingakholelekiyo ezihlala ehlathini, ezintabeni kunye naselwandle. Wayenqwenela ukufunda amanye amabali amatsha, kodwa utitshala wakhe wayengasekho apho.

Ngenye intsasa, wathi u-Ana xa ajonga emazantsi endulini esezantsi kwendlu yakowabo, wabona indoda eyayinombhalo othi "Imbongolo elithala leencwadi". Kwakukho iimbongolo ezimbini ezihamba nale ndoda. Zazithwele ntoni bethu? Yho iincwadi!

U-Ana wabaleka wehla induli waya kule ndoda. Nabanye abantwana babebaleka besiya kwakule ndoda, babetsiba-tsiba ukuhla induli bengqingqiza ukunqumla emasimini.

Le ndoda yathi, "Ndingusothala, kwaye ezi ziimbongolo zam, amagama azo ngu-Alfa noBeto. Namkelekile ke kwimbongolo elithala leencwadi, ithala leencwadi lam."

"Kodwa," watsho u-Ana, "bendicinga ukuba amathala eencwadi akwizixeko ezikhulu kwaye asezakhiweni ezikhulu."

"Alinjalo ke eli ithala leencwadi," watsho usothala. "Eli lithala leencwadi elihamba-hambayo."

Watsho ekhupha iincwadi zakhe ezondlala, waze wamema abantwana ukuba bahlale naye phantsi komthi.

"Kudala-dala mhlamnene ...," uqale njalo usothala xa afunda ibali lendlovu eyayijinga kwintambo yesigcawu. Wayefunda kwiincwadi ezinemifanekiso emihle kakhulu.

Ekugqibeleni wathi, "Ngoku ke lithuba lenu. Zikhetheleni iincwadi, mna ndiza kubuya emva kweeveki ezimbalwa, ndize kuziqokelela ze ndiniphathele ezintsha."

So many books! Ana picks up book after book and finds pink dolphins and blue butterflies, castles and fairies, talking lions and magic carpets.

"Someone should write a story about your donkeys," Ana tells the librarian, rubbing Alfa's nose and feeding grass to Beto.

"Why don't you?" he asks. Then he packs up the books, and off he goes. "Enjoy your books!" he calls.

Ana runs up the hill to her house, hugging the books to her chest. She can't wait to share her books with her brother, and that night she reads until she can't keep her eyes open any longer.

Each morning Ana does her chores and reads and looks out her window. She listens for the sounds of Alfa and Beto, but weeks pass, and the librarian doesn't return.

"When will he come back?" she asks her mother, who smiles and says, "Go and read, Ana."

One night, Ana dreams she is flying over her country on a butterfly's back. In her dream she crosses mountains and oceans, bringing stories everywhere she goes. Stories fly from her mouth and fingers like magic, falling into the hands of the children waiting below.

When Ana wakes up, she misses Alfa and Beto and the library books. She remembers that the librarian told her that she could write a book, and so, with paper and string and coloured pencils, she does.

Finally, just when Ana thinks she'll never see the donkey library again, she wakes up to *iii-aah, iii-aah!* and children yelling. She runs down the hill with her library books and a special surprise of her own.

"I wrote this story for you," she says.

"How wonderful!" the librarian says and then he reads her story to the children under the tree.

When it's time to go, Ana's book is packed carefully on one of the donkey's back, ready to be carried away, over the hills and through the fields to another child...



*The donkey library is an adaption of the original story, Waiting for the biblioburro by Monica Brown. It is reproduced by kind permission of the author.*

"Nam ndikhethe?" wabuza u-Ana.

"Ingakumbi wena," watsho usothala encumile.

Iincwadi ezininzi kangaka! U-Ana wathatha incwadi emva kwenye waze wafumana amahlengesi apinki kunye namabhabhathane azuba, iinqaba kunye nemikholonjane, iingonyama ezithethayo kunye neekhapethi zemilingo.

"Kufuneka kubekho umntu obhala ibali ngezi mbongolo zakho," u-Ana uxelele usothala, ephulula impumlo ka-Alfa kwaye esipha ingca uBeto.

"Kutheni ungalibhali ngokwakho nje?" wabuza usothala. Emva koko wapakisha iincwadi, waza wahamba. "Nizonwabele iincwadi zenu!" ukhwaze njalo.

U-Ana wabaleka ukonyuka induli wagoduka, ezithe mpa esifubeni sakhe iincwadi zakhe. Wayengasakwazi ukulinda phambi kokuba abelane nomntakwabo ngezo ncwadi, kwaye ngobo busuku wafunda wade akakwazi kuwagcina evulekile amehlo akhe.

Intsasa nganye u-Ana wayesenza imisebenzi yakhe yesiqhelo aze afunde amane ukukroba efestileni yakhe. Wayephulaphule isikhalo esenziwa ngu-Alfa noBeto, kodwa iiveki zaqengqeleka usothala engabonakali ndawo.

"Uza kubuya nini bethu?" wabuza kumama wakhe, owamncumelayo waze wathi "Hamba uye kufunda, Ana."

Ngobunye ubusuku, u-Ana waphupha ngathi ukhwele ibhabhathane kwaye babhabha phezu kwelizwe lakhe. Ephupheni lakhe wayengathi unqumla ezintabeni, ewela neelwandle, esisa amabali kwindawo yonke ahamba kuyo. Amabali ayephuma emlonyeni wakhe neseminweni yakhe abhabhe ngokomlingo, esiwela ezandleni zabantwana ababelindile ezantsi.

Wathi asakuvuka u-Ana, wakhumbula u-Alfa noBeto neencwadi zethala leencwadi. Wakhumbula ukuba usothala wayethe naye angayibhala incwadi, ngoko ke, wathatha amaphepha nomtya kunye neepensile ezinemibala-bala, wenza oko.

Ekugqibeleni, xa kanye u-Ana wayecinga ukuba soze aphinde ayibone imbongolo elithala leencwadi kwakhona, wavuswa sisandi esithi *iii-hoo, iii-hoo!* kunye nabantwana abakhwazanayo. Wabaleka wehla induli ephethe iincwadi zakhe zethala leencwadi kunye nokunye okukokwakhe okumangalisayo nokukhethekileyo.

"Ndikubhalele eli bali," watsho.

"Kwakhule kakhulu ke oko!" watsho usothala waza walifundela abantwana ibali lakhe apho phantsi komthi.

Kwathi xa kufikelela ixesha lokuhamba, incwadi ka-Ana yapakishwa ngononophelo kwenye yeembongolo, ilungele ukuhanjiswa, iqabele iinduli inqumle amadlelo namasimi, isiya kwabanye abantwana...

*Imbongolo elithala leencwadi ilungiselelwe isekelezelwe kwibali lentsusa elisihloko sithi, Waiting for the biblioburro, elibhalwe nguMonica Brown. Le ncwadi iphinde yapapashwa ngemvume nobubele bombhali.*

Don't forget that we will be taking a break until the **week of 12 April 2015**. Join us then for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.

**Find us on Facebook:**  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)



Ungalibali ukuba siza kukhe sithathe ikhefu kude kube **yiveki yowe-12 kuTshazimpunzi wama-2015**. Sijoyine ngoko ze ufumane umlingo wokufunda wakwaNal'ibali ongaphenzulu! Okwangoku, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ukuze ufumane uvuselelo lwamabali nokufundela ukuzonwabisa.

**Sifumane ku-Facebook:**  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your  
imagination

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld